

Umgaqo-nkqubo wokusingqongileyo wesixeko
saseKapa

Octobha 2001

Intshayelelo

1.1 Amagqabantshintshi ngathi

Ezona zinto zexabiso iSixeko saseKapa (CCT) esinazo ngabantu baso, ubuhle baso ngokwendalo namajelo ezinto eziluncedo ezifumaneka apha. Esi sixeko singqongwe ngamalwandlekazi neentaba kwaye sikowona mmandla mncinane kwimimandla emithandathu eyaziwayo yeentyatyambo ehlabathini. ISixeko saseKapa sineentlobo ngeentlobo zezilwanyana nohlaza, zinto ezo zingaqhelekanga kummandla omncinane kangakanana. Sisixeko esineentlobo ngeentlobo zenkcubeko neembali neendawo ezakhiweyo. Kanti iCCT le sesona Sixeko sikwincam esemazantsi ezwekazi laseAfrika kwaye kulapho kuqhubeka khona ezoqoqosho lwePhondo leNtsona Koloni. Yindawo eyodwa exhasa uluntu lwaseKapa.

Njengoko uluntu lwethu lusiya lusanda nanjengoko umsantsa ophakathi kwabanamathuba amahle nabo bangenawo usiya usanda iCCT le ijongene nengxaki yokukhuthaza uphuhliso ngelixesha kulindeleke ukuba iyiqhube kakuhle inkqubo yokwaba izinto eziluncedo ukuze kupheliswe ukungabikho kobulungisa obukhoyo. Ukuze iCCT ibe nokuphumeza iimfuno zoluntu oluhlwempuzekileyo, ubukhulu becala, nokuze iqinisekise impilo entle yoluntu lwayo kufuneka iCCT igqwese ngokwezoqoqosho apha nasehlabathini liphela. Ngeli xesha iCCT isebenzela ukuphumeza ezo njongo kunyanzelekile ukuba iyiphathe kakuhle indalo yayo esingqongileyo, ndalo leyo iyeyona nto ixabisekileyo kwesi sixeko. Eyona nto iphambili ezakwenza ukuba kubenokuphunyezwa eli qhinga kukuba esi sixeko samkele kananjalo sisebenzise eyona mimiselo iphambili nezona nkqubo ziphambili ezijolise kuphuhliso oluzinzileyo.

Ukusabela ezo ngxaki iCMC yantlandlolo yaqulunqa inkqubo esisicwangciso-qhinga sokulawula okusingqongileyo, sicwangciso-qhinga eso sibandakanya zonke iinkalo zokusingqongileyo kwimimandla yasezidolophini. Eso sicwangciso-qhinga esaziwa njenge-Integrated Metropolitan Environmental Policy (IMEP) siso esiya kuba sisisekelo sentlaninge yezicwangciso-qhinga nezicwangciso-nkqubo eziya kuqinisekisa ukubanjelelwa kwimimiselo ephathelele kuzinzo. Oko kuya kunceda ekufezekiseni iimfuno ezikhoyo kungoku nje kunye nokuphathwa kakuhle kwamajelo aluncedo khona ukuze kuzuze izizukulwana ezizayo.

I-IEMP le yinto echaza injongo, ukuzinikela kwimimiselo ethile nakwiindlela zokuziphatha kanti nasekuqulunqweni kwezicwangciso-qhinga zamacandelo ngamacandelo, zicwangciso-qhinga ezo eziya kucacisa iinjongo, imilinganiselo ekujoliswe kuyo, iinkqubo nezenzo ekuya kufuneka zenziwe ukuqinisekisa ukusetyenziswa kwamajelo aluncedo ngendlela enozinzo nokuphathwa kakuhle kwalo mmandla ukuze kuzuze bonke abahlala kuwo.

Ubume borhulumente wengingqi kwiCCT busanda kuguquka ukusuka koogunyaziwe beengingqi abasixhenxe ukuya kumasipala wedolophu omnye okanye iUNICITY. Lo mgaqo-nkqubo uqulunqwe kanye ngelo xesha lezo nguqu kodwa kujongwe ekubeni usebenze kulo naluphi na uhlobo lolawulo oluya kuba khona kwiminyaka engamashumi amabini ezayo.

1.2 Uxanduva lwethu

1.2.1 Uxanduva loorhulumente beengingqi

Umgaqo-siseko woMzantsi Afrika (UMthetho 108 ka 1996) uqinisekisa wonke ubani ngelungelo lakhe lokuba kwindawo engenabungozi kwimpilo okanye kwintlalo-ntle. Ngaphezu koko umgaqo-siseko unyanzelisa wonke amanqanaba asebuqrhulumenteni ukuba aqinisekise ubukho bophuhliso oluzinzileyo khona ukuze kukhuseleke okusingqongileyo, oko kusenzelwa isizukulwana sangoku kunye nezizukulwana zexesha elizayo. Indima edlalwa ngoorhulumente beengingqi kwimiba ephathelele kumgaqo-siseko kwanoxanduva lwabo lomeleza ukuzinikela kwamambhunga olawulo kuloo mimiselo.

Urhulumente wengingqi lo mgaqo-nkqubo uya kuwusebenzisa njengenxalenye yesicwangciso-qhinga esidityanelweyo semcimbi ephathelele kulawulo lokusingqongileyo. Esi sicwangciso-

qhinga siya kuba sisikhokelo semisebenzi neenkqubo zoorhulumente beengingqi, ngaloo ndela kukhuthazwe uphuhliso oluzinzileyo.

Ulawulo lwemicimbi ephathelele kokusingqongileyo kwesi Sixeko saseKapa kukwakhokelwa yimithetho emitsha yesizwe neyezizwe ngezizwe. Inkqubo ye-IMEP nokusetyenziswa kwayo kufuneka kuhambelane naloo mithetho neziyalelo zodidi oluphezulu, zinto ezo zifana neSivumelwano seZizwe ngeZizwe ngophathelele kwiiNtlobo ngeeNtlobo zeZinto eziPhilayo (International Convention on Biodiversity) kunye noMthetho weSizwe woLawulo lokuSingqongileyo (National Environmental Management Act), iNEMA ngokufutshane.

1.2.2 Uxanduva loluntu jikelele

Ubume obubodwa bokusingqongileyo kwiSixeko saseKapa, ukukhuselwa kwako nokuphuhliswa kwako luxanduva lwabo bonke abahlala apha kanti nabo bandwendwela esi sixeko. Olo xanduva luya kuphuculwa lukhuthazwe ngoorhulumente beengingqi ngeli lixa lona uluntu jikelele luya kuba nendima ebonakalayo yokunika inkxaso neyokuqinisekisa ukugadwa kokusetyenziswa kwalo mgaqo-nkqubo.

2. Umbono wethu wonyaka wama-2020 malunga nokuSingqongileyo kwiSixeko saseKapa

Oorhulumente beengingqi bayakukhokelwa ngulo mbono ulandelayo kwimisebenzi yabo ngokuphathelele kumbono wonyaka wama-2020 ngokusingqongileyo.

Kwiminyaka engamshumi amabini ezayo

- Abantu bazakube belindele lukhulu kwabasemagunyeni ngokubhekiselele kulawulo lokusingqongileyo, ukugadwa kwako, ukuphicothwa kwanokukhathalelwa kwako. Imiba ephathelele kokusingqongileyo iya kusetyenzwa ngendlela eqingqiweyo nesebenza kakuhle kwaye uphando ngeendlela okusingqongileyo okuchatshazelwa ngayo luya kube luqinisekise imbonakalo entle yeSixeko saseKapa.
- Kuya kube kukho ubudlelwane obuncumisayo phakathi koorhulumente beengingqi noluntu jikelele kananjalo kuya kube kuvunyelwene ngokubhekiselele kwimicimbi ephathelele kwezokusingqongileyo kwanomoya wokufuna ukudala ubambiswano.
- Abemi beSixeko saseKapa baya kube bengabantu abafundisiweyo ngokusingqongileyo, besazi ngako kananjalo benovakalelo ngako. Imfundiso efikeleleka kuye wonke ubani ngezokusingqongileyo iya kwenza ukuba abantu bakukhathalele kananjalo bakhulonele okusingqongileyo.
- Intsulungeko yokusingqongileyo iya kube iphucuke nangakumbi ngokubhekiselele kumoya, amanzi, umhlaba nolwandle.
- Izinto eziyinkcubeko elilifa nezakhiweyo ziya kube ziphuculiwe, zivuselelwe kwaye zikhuselwe ngeli xesha iinkolo ngeenkolo neenkubeko ngeenkubeko ziza kube zibutyebisile ubuntu boluntu beSixeko saseKapa.
- Intswelo ngokwezokusingqongileyo iya kutshitsha kwaye lonke uluntu luya kuphila kwimo engenabungozi kwimpilo nentalo-ntle yalo.

- Ulawulo lwezinto ezifanele ukulahlwa lona luya kube lusebenza ngendlela eyiyo kwaye uluntu luya kuzixhasa luzigcine zisebenza iinzame zokuzisebenzisa ngokutsha izinto ezifanele ukulahlwa.
- Amaziko okucoca amanzi angcolileyo aya kusebenza ngendlela eyiyo kwaye aya kuyithobela imithetho.
- Iinkonzo zothutho loluntu ziya kube zikhuselekile, zicocekile zisebenza kakuhle kwaye zingenguye unobangela wongcoliseko. Abahamba ngezithuthi abayi kuxhomekeka kangako kwizithuthi zabo kwaye kuya kubakho ukuhla okubonakalayo kwingxinano yezithuthi ezindleleni kunciphe nongcoliseko lomoya. Izithuthi zikawonkewonke ziyakubonelela bonke abemi beSixeko saseKapa ngothutho olukhuselekileyo, olufikelekayo ngokwamaxabiso nolufikeleleka lula kumathuba afumaneka ezidolophini
- Kuya kubakho iindawo ezivulelekileyo ezaneleyo nezichakwe ngokufanelekileyo ukuze zisetyenziselwe ukuzonwabisa nokonga impilo yeentlobo ngeentlobo zezinto eziphilayo.
- Uluntu lweSixeko saseKapa luya kuba neendawo ezaneleyo zokufihla iintloko neenkonz eziphambili kwaye luya kuba nokuyifikelela imfundo, ingqesho nolonwabo. Impilo yabemi kuya kuba yezinzileyo kananjalo ihambelane nendalo elungqongileyo.
- Amanzi namajelo amandla ayakusetyenziswa alawulwe ngendlela eyongayo neyiyo.

3. Imimiselo jikelele yemigaqo-nkqubo

Ukuze sibe nokusebenzela ukufezekisa umbono wethu wonyaka wama-2020 wemo yokusingqongileyo kwiSixeko saseKapa, iSixeko saseKapa siya kuzinikela kule mimiselo jikelele yemigaqo-nkqubo kunye nezixhobo zokusebenzisa izicwangciso-qhinga neenkqubo ezithile.

3.1 Ingcaciso

Uphuhliso oluzinzileyo lujolisa ekulinganiseni iimfuno zoqoqosho, ezentlalo yoluntu kunye nezendalo esingqongileyo, kananjalo lukwahlangabezana neemfuno zesizukulwana sangoku lungadalanga miqobo yokuthintela izizukulwana ezizayo ekuhlangabezaneni nezazo iimfuno.

Igama elithi okusingqongileyo lichazwa njengegama eliquka imo yezendalo, eyezentlalo yoluntu eyezoqoqosho, eyasezidolophini nasemaphandleni ngendlela ebonwa ngayo luluntu lweSixeko saseKapa.

3.2 Imimiselo jikelele yemigaqo-nkqubo

Ukuzinikela **ekwamkeleni nasekusebenziseni imimiselo neendlela zokufikelela uphuhliso oluzinzileyo** kwiSixeko saseKapa kwanokuqinisekisa ukudityaniswa kwemiba ephathelele kwezokusingqongileyo apho kwenziwa khona izigqibo kuwo wonke amanqanaba aseburhulumenteni bengingqi. Ukuzinikela ekubeni isizukulwana sakwangoku siwasebenzise ngendlela apha eyakwenza ukuba wonke ubani azuze kangangoko kuwo amajelo ezinto eziluncedo kanti kwangelo xesha linye kuqinisekisiwe ukuba loo majelo ezinto eziluncedo akhuselwe ukuze abe nokusetyenziswa zizizukulwana ezizayo.

Ukuzinikela ekukhuseleni amalungelo aqulathwe ngumgaqo-siseko ngokubhekiselele kwindawo esingqongileyo enemphilo nokuluqonda uxanduva nezinyanzeliso zobonelelo ngeenkonz nophuhliso ngokuzinzileyo ukuze kuzuze wonke ubani.

Ukuzinikela kweSixeko saseKapa **ekuqulunqeni izicwangciso-qhinga zamacandelo** ukuze kube nokusetyenziswa kunyanzeliswe immiselo jikelele yemigaqo-nkqubo., **ngokubhekiselele kuyo yonke imiba ephathelele kokusingqongileyo** khona ukuze kube nokuphunyezwa ukuzinikela okuchazwe kwiinkqubo zamacandelo.

Ukuzinikela ekusebenziseni indlela equka konke ngokubhekiselele kokusingqongileyo nasekukhuseleni iintlobo ngeentlobo zezinto eziphilayo nezinqabileyo zeSixeko saseKapa. Ngaphezu koko ukuzinikela kuxanduva olulodwa egameni loluntu lwehlabathi ukuqinisekisa ukulondolozwa nokukhuselwa **kohlaza olulodwa lwaseKapa**

Ukuzinikela ubuncinane ekuphumezeni, okanye apho oko kunokwenzeka khona, ukugqithisa ekuphumezeni **imiqathango yemithetho yezizwe ngeziziwe, eyesi sizwe neyeli phondo nephathelele kwezokusingqongileyo.**

Ukuqondwa sesi Sixeko saseKapa **kwamalungelo azo zonke izinto eziphilayo** kwanokuzinikela kwaso ekuphathweni kakuhle kwezilwanyana zasemakhaya nezasendle.

Ukuzinikela **koorhulumente beengingqi; ekuthwaleni uxanduva lokuphatha kakuhle amajelo ezinto zexabiso**, kulawulo lweSixeko saseKapa olungafihlisiyo, olubonisanayo, oludityanelweyo nolubonakala nakuye wonke ubani ngalo lonke ixesha kananjalo bazinikele nasekubeni nentsebenziswano engaguqukiyo, ngokunjalo.

Ukuzinikela **ekusebenziseni ummiselo wobulumko** othi mawungenziwa umsebenzi xa iziphumo zomsebenzi lowo ucetywayo kokusingqongileyo ziya kuba zezibonakalayo okanye/ezikhathazayo naxa kungaqinisekwanga ngazo.

Ukuzinikela kweSixeko saseKapa ekubandakanyeni imiba emalunga nokusingqongileyo kuyo yonke imisebenzi yaso, kuqukwa izicwangciso-qhinga ezifana **ne-Integrated Development Plan (IDP) namalinge ezizwe ngezizwe afana ne-Local Agenda 21.**

Ukuzinikela **ekubandakanyeni nasekusebenzisaneni noluntu jikelele** xa kusenziwa izigqibo ngokubhekiselele kulawulo lokusingqongileyo kwiSixeko saseKapa.

Ukuzinikela kweSixeko saseKapa ekukuqondeni **nasekunciphiseni iziphumo zomsebenzi waso onokuchaphazela okusingqongileyo ehlabathini**, oko sikwenza ngokuqonda nokugada imo yezinto eziphilayo.

Ukuzinikela **ekukhuthazeni ubambiswano ngemiba ephathelele ekukhathaleleni okusingqongileyo** kwiSixeko saseKapa, oko kusenziwa ngokufundiswa ngezokusingqongileyo neenkqubo zokwazisa ngako.

Ukuzinikela kweSixeko saseKapa ekuyiqondeni **indima edlalwa luluntu olungananzwanga** (ngakumbi ulutsha, abasetyhini nabo bakhubazekileyo) kuphuhliso nophuculo lwesi Sixeko.

Ukuzinikela kweSixeko saseKapa kulawulo lokusingqongileyo **olungafihlisiyo, olubonakala nakuye wonke ubani nolusebenzayo.**

3.3 Ukusetyenziswa kwelMEP

Le IMEP iza kusetyenziswa kwawona manqanaba aphezulu oorhulumente bengingqi kwiSixeko saseKapa. Imimiselo jikelele yemigaqo-nkqubo iya kuba sisikhokelo kwaye iya kusetyenziswa njengesicwangciso-nkqubo solawulo lokusingqongileyo. Kuya kuqulunqwa izicwangciso-qhinga ezinzulu ngendlela apha eya kwenza ukuba izicwangciso, izenzo, imilinganiselo ekujoliswe kuyo, nemilinganiselo yomsebenzi neenkqubo zisetyenziselwe ukulungisa imiba ethile ephathelele kwezokusingqongileyo.

I-IMEP nezicwangciso-qhinga zamacandelo iya kusetyenziswa ngamacandelo ngokwawo namasebe olawulo lweSixeko saseKapa ngokunjalo, oko kusenziwa ngentsebenziswano.

Oku kuya kwenzeka ngokuthi:

- Le IMEP yamkelwe njengomgaqo-nkqubo wolawulo lwesixeko.
- Kwayanyanise, kudityaniselelwe le IMEP kweminye imigaqo-nkqubo nezicwangciso-qhinga zolawulo lwesi sixeko.
- Kuqulunqwe, kusetyenziswe izicwangciso-qhinga ezinzulu zamacandelo njengoko zichazwe kwiinkqubo zamacandelo kwiminyaka emihlanu ukususela ekwamkelweni kwalo mgaqo-nkqubo.
- Kuqulunqwe, kusetyenziswe izicwangciso-qhinga ezintandathu eziphambili zamacandelo kwiminyaka emibini ukususela ekwamkelweni kweIMEP.
- Kuzinikelwe ekuqinisekiseni ukuphuculwa rhoqo kwendlela okusingqongileyo okusebenza ngayo.
- Kuzinikelwe ekusekweni kwebutho eliya kujongana nokusetyenziswa kwemigaqo-nkqubo, butho elo liya kuquka abamele abaphathi abangamagqala azo zonke iyunithi ezijongene nezezimali, imisebenzi nobonelelo ngeenkonzo.
- Kuzinikelwe ekubeni ngqongqo ngayo yonke imicimbi ephathelele kwezokusingqongileyo kwiSixeko saseKapa.
- Kuzinikelwe ekusetyenzisweni kwesicwangciso esiya kuba nokudibanisa le IMEP kubo bonke oorhulumente bengingqi nesiza kuba nako ukulungiselela ukusetyenziswa kweIMEP ngeeprojekthi nezenzo kuyo yonke imisebenzi yorhulumente wengingqi kwiSixeko saseKapa.
- Kuzinikelwe ekusebenziseni izicwangciso-qhinga, iindlela neenkqubo eziya kuqinisekisa ukuba ingcaciso engelIMEP nesizinikele kuyo kulo mgaqo-nkqubo iya phunyezwa kwiSixeko saseKapa.
- Kuzinikelwe ekwamkeleni, ekusebenziseni iindlela nezixhobo ezizizo zokulawula okusingqongileyo njengenxalenye yesicwangciso-qhinga esipheleleyo sorhulumente wengingqi.

3.4 Izixhobo zeIMEP

Ukuzinikela korhulumente wengingqi kwimimiselo yocwangciso nolwenziwo lwezigqibo oludityanelweyo nokuphuculwa okungaphelindawo kwezenzo nemisebenzi echaphazela okusingqongileyo. Loo mimiselo iya kuphunyezwa ngokuthi:

- Kwamkelwe imimiselo yeLocal Agenda 21.
- Okusingqongileyo kusoloko kugadiwe kananjalo kugadwe indlela ekwenziwa ngayo iingxelo zoluntu kunye nezinye izixhobo zokwenza iingxelo nokugada okusingqongileyo.
- Kusetyenziswe iinkqubo ezisebenzayo nezaziwayo zolawulo lwezokusingqongileyo (Environmental Management Systems –EMS).
- Kuqulunqwe kugadwe iinkqubo zokulinganisa ukuzinza komsebenzi.
- Kusetyenziswe inkqubo eyaziwa njenge-*Cost Benefit Analysis* (CBA) echaza inzuzo efumaneka kwiindleko kwanenkqubo eyaziwa njenge *life-cycle cost analysis* echaza iindleko ngelixa into isenokusetyenziswa, ezo nkqubo zisetyenziswe ekulinganiseni ezinye iindlela ezinokusetyenziswa kwanasekukhethweni kwezisombululo zexesha elide nezizinzileyo.
- Kwamkelwe kusetyenziswe imimiselo ye-Integrated Environmental Management (IEM) kuzo zonke iiprojekthi nemisebenzi.
- Kusetyenziswe inkqubo yokuvavanya iingxaki ezinokwehlela okusingqongileyo.
- Kuqulunqwe imimiselo, apho kufaneleke khona, zizenzo zinokuchaphazela okusingqongileyo kwiSixeko saseKapa.
- Kufunwe ukuba kuthotyelwe izikhokelo zokusingqongileyo ezintsha nezikhoyo kuyo yonke imibutho nezenzo ezichaphazela iSixeko saseKapa.


- Kusetyenziswe izixhobo ezifanelekileyo ukufezekisa ummiselo owaziwa njengeBest Practical Environmental Option (BPEO).
- Kuqhutyekwe ngophando noqingqo lwezixhobo zenkqubo yolawulo oludityanelweyo lwezokusingqongileyo kwiSixeko saseKapa.
- Kwenziwe iingxelo zonyaka kuluntu luphela ngeenkqubo zamacandelo nokusetyenziswa kweIMEP.
- Kunyanzelise imithetho, imithetho yoorhulumente beengingqi, izivumelwano phakathi kwezizwe ngezizwe nezicwangciso-qhinga.
- Kuqulunqwe imithetho nemithetho yoorhulumente beengingqi emitsha.
- Kuqulunqwe iinkqubo ezifundisa ngokusingqongileyo kuwo wonke amanqanaba oorhulumente bengingqi.

4. Iinkqubo zaMacandelo ngokubhekiselele kwi-IMEP

Esi sigaba silandelayo sichaza iinkqubo ezinokusetyenziswa ngamacandelo ngokubhekiselele kule IMEP. Amacandelo, amaSebe, iiyunithi zobonelelo namacandelo amasebe eSixeko saseKapa aya kusebenzisa izicwangciso-qhinga ukulungisa ezi nkqubo zamacandelo. Iinkqubo zamacandelo ezakhiwe njengokuzinikela zisekelezwe kwimiba echazwe kwingxelo eyaziwa njengeState of the Environment Report (SoE) ndawonye nemiba nemigaqo-nkqubo echazwe kwinkqubo yokubonisana noluntu jikelele nabo bachaphazelekayo kwinkqubo yoqulunqo lweIEMP.

Kuya kuqulunqwa iinkqubo zocwangciso-qhinga zamacandelo neziza kusebenzisa izicwangciso, izenzo, imilinganiselo ekujoliswe kuyo nemilinganiselo yomsebenzi kunye neenkqubo zokuhlangabezana nokuzinikela okuchazwe kwiinkqubo zamacandelo.

Lo mfanekiso uchaza indlela yokusebenzisa isicwangciso-qhinga solawulo lokusingqongileyo kwiSixeko saseKapa.



Indlela esingise kwimo ezinzileyo kwiSixeko saseKapa: Umfanekiso wesicwangciso-qhinga sokusingqongileyo

linkgubo zamaCandelo

4.1 Umoya

Ukuzinikela ekunciphiseni zonke iintlobo zongcoliseko lomoya kunye neengxaki ezayamene nongcoliseko lomoya nezinokuchaphazela impilo. Oko kuzinikela kuquka:

- Ukuyiqonda into yokuba ukuncitshiswa kongcoliseko lomoya nokulawulwa kwezinto ezibanga ungcoliseko yinto ephambili.
- Ukuyiqonda into yokuba umyinge wongcoliseko ungabanobungozi kwimpilo yoluntu
- Ukuziqonda iziphumo zezinto ezintsha nezikhoyo ezibanga ungcoliseko lomoya.

4.2 Amajelo Amanzi

Ukuzinikela ekuqinisekiseni ukuba intsulungeko yamanzi aselunxwemeni, awaselwandle nawasemhlabeni ikulungele ukuphila kwezinto eziphilayo, ukukhuselwa kwempilo yoluntu kwanokuzinikela kummiselo wokuba bonke abemi abakwiCMA banelungelo lokufumana amanzi acecekileyo, aselekayo namajelo amanzi aneleyo. Oko kuzinikela kuquka:

- Ukuyiqonda into yokuba amanzi anqabile kwaye ayinto enexabiso negcina uluntu luphila, kwaye kukho unxibelelwano phakathi kwendalo nophuhliso lwezozoqoqosho.
- Ukuyiqonda into yokuba amanzi aphantsi komhlaba aluncedo.
- Ukulawula usetyenziso lwamanzi ngendlela apha eya kuqinisekisa ukuba asoloko efumaneka, efikeleleka ngokwexabiso nakwixesha elizayo.
- Ukuqinisekisa ukuba intsulungeko yamanzi, ebuncinaneni, ihambelana nemiqathango emiselwe liSebe lezaManzi namaHlathi.
- Ukulawulwa ngendlela eyiyo kwazo zonke iinkqubo eziphathelele kumanzi angcolileyo.

4.3 Ubume bomhlaba neentlobo zemihlaba

Ukuzinikela okuyiqondayo into yokuba ulondolozo nophuculo lobume bomhlaba neentlobo zemihlaba kwiSixeko saseKapa kubalulekile.

- Ukulondolozwa kwezilwanyana nohlaza kunye nentlobo-ntlobo zezinto eziphilayo kwiSixeko saseKapa.
- Imisebenzi eyenziwa ngabantu efana nofamisho nezitiya
- Ukuncitshiswa kokhukuliseko lomhlaba.
- Ukhuselo lenkangeleko yobume bomhlaba kwiSixeko saseKapa.

4.4 Izilwanyana nohlaza

Ukuzinikela kulondolozo lweentlobo-ntlobo zezinto eziphilayo kwiCMA ngokuthi:

- Kuphuculwe, kuphuhlise kananjalo kukhuselwe iintlobo ngeentlobo zezinto eziphilayo
- Ukuyiqonda into yokuba ukulondolozwa nokukhuselwa kwezinto eziphila emhlabeni kuyinto ephambili.
- Ukuyiqonda kwanokukhusela imo eyodwa yaselunxwemeni naselwandle kunye neentlobo ngeentlobo zezinto eziphilayo kwiSixeko saseKapa.
- Ukuyiqonda into yokuba eyona nto yexabiso nexabisekielyo kwiSixeko saseKapa yimo yaso yendalo nebonelela ngentlaninge yezinto ezibalulekileyo kwaneenkono
- Ukuyiqonda indlela izinto eziphilayo ezivela ngaphandle ezichaphazela ngayo okusingqongileyo.
- Ukwenza ulawulo lomlilo kwimida yesi Sixeko lube yinto ephambili.

- Ukuqinisekisa ukuba ukusetyenziswa ngokufanelekileyo komhlaba kwiSixeko saseKapa akuphelindawo kwaye kunobulungisa.

4.5 Ilifa leNkcubeko

Ukuzinikela ekuqinisekiseni ukulondolozwa, ukukhuselwa nokuphuhlisa kweentlobo ngeentlobo zeenkubeko zeSixeko saseKapa. Oko kuquka:

- Ukuliqonda ixabiso lembali yenkcubeko yeSixeko saseKapa.
- Ukukuqonda ukubaluleka kwezenzo zenkcubeko.
- Ukuzamkela zonke iintlobo zenkcubeko neenkolo ezikhoyo kwiSixeko saseKapa.
- Ukubandakanya izimilo ezisekelezwe kwinkcubeko, iindawo nemihlaba ebalulekileyo ezimbalini, iindawo ezinkangeleko intle neendawo ezibalulekileyo ngokwasemoyeni kwizicwangciso nasekwenzeni izigqibo.

4.6 Ukuhlaliswa kwabantu ezidolophini nomcimbi wezindlu

Ukuzinikela ekuyiqondeni into yokuba iindawo zokufaka intloko neenkono ziyinto efunekayo kwimo yokwanda koluntu ngeli xesha, kwangaxeshanye iqondwa neyokuba izinto ezimiliselwe endalweni neenkqubo zazo zifuna ukukhuselwa. Oku kuzinikela kuquka;

- Ukukhuthazwa kobukho beendawo ekuhlalwa kuzo ezicocekileyo, ezinempilo, ezikhuselekileyo nezisebenza kakuhle, zinto ezo zinika ingqalelo uluntu, iimfuno zalo noko kusingqongileyo.
- Kugxininiswe ekuphuculweni iindawo ezihlala abantu abahlwempuzekileyo ezidolophini.
- Ukuyiqonda imfuneko yokuba kulawulwe ukunaba kweendawo zasezidolophini ngendlela engaqingqawanga, nto leyo inobungozi kwizinto ezuluncedo zeSixeko saseKapa kananjalo nekhokelela kwiindleko ezingafunekiyo zentlalo yoluntu, ezokusingqongileyo nezozoqoqosho.
- Ukuziqonda iziphumo zongcoliseko lokukhanya.
- Ukuyiqonda imfuneko yokuba kubekho iindawo ezivulelekileyo nezaziwa njenge-Metropolitan Open Space System (MOSS) ukuze kukhuseleke iintlobo ngeentlobo zezinto eziphilayo kwiSixeko saseKapa kananjalo kuqinisekise ukufikeleleka kwamathuba okuzonwabisa kwiindawo zokonwaba.

4.7 Izinto ezakhiweyo ezingundoqo

Ukuyiqonda into yokuba ubonelelo ngezinto ezakhiweyo ezingundoqo kungawuphucula umgangatho wendawo esiphila kuzo kanti kusenokuba neziphumo ezichaphazela okusingqongileyo. Oku kuzinikela kuquka:

- Ukuqinisekisa ukusetyenziswa kwemimiselo neendlela zophuhliso oluzinzileyo kwizicwangciso nobonelelo ngezakhiwo ezingundoqo.
- Ukuzinikela kwizinto ezakhiweyo ezingundoqo ezifanele le ndawo yalapha neziphucula indawo ekuhlalwa kuyo.
- Ukuzinikela ekubekeni phambili imimandla eswele izinto eziluncedo ukuze kwakhiwe izinto ezingundoqo.

4.8 Ezothutho

Ukuzinikela ekuyiqondeni into yokuba ezothutho ziyafuneka ukuze kufikeleleke amaziko athile kwanamathuba omsebenzi, kodwa yaziwe neyokuba ezothutho ziginya iindleko ezivakalayo kwaye zingalelo kulonakaliso lwendawo. Oku kuzinikela kuquka:

- Ukuzama ukuphakamisa umgangatho wenzuzo efumaneka kuthutho ngeli lixa kuncitshiswa iindleko ezibangwa luthutho ngokuchaphazela okusingqongileyo.
- Ukuzinikela ekusebenzeleni ukuba nenkonzo yezothutho loluntu ekhuselekileyo, efikeleleka lula nefikelekayo ngokwamaxabiso.
- Ukuzinikela ekunciphiseni imfuneko yeehambo kwanokukhuthaza ukusetyenziswa kwezithuthi zoluntu njengeyona ndlela ikhethwayo yokuhamba.
- Ukukhuthaza iindlela ezifanelekileyo zothutho neziphungula iziphumo ezichaphazela okusingqongileyo ngelixa zisenza ukuba wonke ubani abe nobulula bokuhamba.

4.9 Amandla

Iqondiwe ke ngoko indima yamandla kuphuhliso neziphumo ezingancomekiyo eziza nokuveliswa kwamandla kokusingqongileyo kufuneka kuzinikelwe kwawona majelo amandla aziphumo zingengako ngokubhekiselele kokusingqongileyo nempilo yoluntu. Oko kuzinikela kuquka:

- Ukunika ingqalelo iindlela zokonga amandla kuyo yonke imisebenzi.
- Ukuzinikela ekungakukhuthazini ukusetyenziswa kwamajelo amandla angasebenzi kakuhle nabanga ungcoliseko.
- Ukunciphisa ukusetyenziswa kwamandla
- Uphando, inkxaso nokukhuthaza ukusetyenziswa kwezinye iintlobo zamandla, ezisetyenziswa ngokutsha, ezicoceke nangakumbi nezikhuseleke nangakumbi.

4.10 Izinto ezilahlwayo

Ukuzinikela ekuqulunzeni inkqubo yolawulo lokulahlwayo edityanelweyo, nkqubo leyo iqingqelwe ukuveliswa nokulahlwa kweziqina nolwelo kanti neendlela ezikhuselekileyo zokuqokelela okulahlwayo, ukuthuthwa nokulahlwa kwako nokunciphisa ukulahla inkunkuma ngokungemthetho. Oku kuzinikela kuquka:

- Ukuzinikela ekunciphiseni okulahlwayo nasekunqandeni ukulahlwa kwezinto ngokungendlela.
- Ukuxhasa nokukhuthaza amalinge okusetyenziswa ngokutsha kokulahlwayo.
- Ukuyiqonda into yokuba ukulahlwa kwezinto ngokungemthetho kwiSixeko saseKapa ngumcimbi ophambili.
- Ukuzinikela ekulawuleni izinto ezilahlwayo ezinokuba nobungozi.

4.11 Uqoqosho

Ukuyiqonda into yokuba indawo yeSixeko saseKapa yeyona nto yesi sixeko iyeyexabiso, kambe iqondwe nento yokuba uphuhliso oluzinzileyo lufuna imo yezoqoqosho ekhulayo, ukudalwa kwemisebenzi nokuphungulwa kobuhlwempu obuxhomise amehlo kungoku nje kwiSixeko saseKapa. Oku kuquka ukuzinikela:

- Ekuqondeni ukuba uphuhliso lezoqoqosho, ubuhlwempu nokusingqongileyo zizinto apha ezihambelanayo.
- Ekuxhaseni izicwangciso-qhinga ezijolise kuphuhliso lwezoqoqosho nakumalinge akhuthaza ukugqwesa ehlabathini, ukudala imisebenzi, ukuphungula ubuhlwempu nokuphucula iindawo ekuhlalwa kuzo nekuphilwa kuzo.

4.12 Impilo kokusingqongileyo

Ukuzinikela kuMgaqo-siseko woMzantsi Afrika oqinisekisa ilungelo labo bonke abemi boMzantsi Afrika lokuba nendawo ebangqongileyo engenabungozi kwimpilo nentlalo-ntle. Oku kuquka ukuyiqonda into yokuba:

- Iindawo ezihlwempuzekileyo zinegalelo kumngcipheko wokusulelwa sisifo iHIV/AIDS neTB.
- Iingxaki zempilo kwiSixeko saseKapa zibangwa ikakhulu bubuhlwempu, ukunqongophala okanye ukungafikeleleki kweenkonzo eziphambili, ingxinano nokungabikho kweendawo zokufihla intloko kanti zikwabangwa lungcoliseko lomoya namanzi.
- Ukungabonelelwa ngokutya ngokukhuselekileyo kwandisa ubukho bezifo ezibangwa kukutya.
- Ingxolo egqithisileyo iyazichaphazela izinto eziphilayo neendawo eziphila kuzo.
- Impilo engentle ibangwa ziimeko ezingentlanga zempilo nokhuseleko.

4.13 Imfundiso ngezokusingqongileyo

Ukuzinikela ekuxhaseni nasekukhuthazeni imfundiso efanelekileyo ngezokusingqongileyo, oko kusenziwa siSixeko saseKapa namasebe oorhulumente beengingqi.

- Imfundiso nolwazi ngamalungelo aphantsi kwimpilo, ukhuseleko, izinto ezilahwayo neziphinde zisetyenziswe kunye namajelo aluncedo eSixeko saseKapa.
- Ukuxhasa imfundiso ngokusingqongileyo, mfundiso leyo iphucula ulwazi nokuthanda okusingqongileyo kunye namathuba adalwa kuko ngelixa kukhuthazwa bonke abemi balapha ngokubambisana ngokukhathalela okusingqongileyo.

4.14 Ukhuseleko nokhuseleko

Njengoko iqondwa into yokuba uninzi loluntu lweSixeko saseKapa lujongene nobukrelemnqa obuxhomisa amehlo kufuneka kubekho ukuzinikela ekuxhaseni amalinge okunqanda ubukrelemnqa nokubunciphisa. Oko kuquka ukuzinikela:

- Ekuxhaseni uphuhliso oluya kwenza impilo yabo bonke abantu izinze kananjalo kuncitshiswe iziphumo zobukrelemnqa ngokuthi kubonelelwe abo bangamacham ezikrelemnqa.
- Ukukhuthaza ubukho beendawo ezikhuselekileyo zokuhlala uluntu lweCMA.
- Ukunika ingqalelo imiba yezokhuseleko nokhuseleko kuyo yonke imiba yocwangciso.

4.15 Ulawulo lwezokuSingqongileyo

Njengoko iqondwa into yokuba kungoku nje kuyilwa indlela esebenzayo yolawulo lwezokusingqongileyo kwiSixeko saseKapa kukho imfuneko yokuba kuzinikelwe:

- Kuphuculo lwezakhono nezinto eziluncedo ezikhoyo ukuze okusingqongileyo kube nokulawulwa kakuhle kwiSixeko saseKapa.
- Kwinkxaso yeeprojekthi zoluntu eziphathalele kokusingqongileyo.
- Kwinkuthazo yamacandelo oluntu ajongene nezokusingqongileyo.
- Ekuvulweni kweenkalo zonxibelelwano phakathi koorhulumente beengingqi, uluntu kunye nabo bonke abachaphazekayo.
- Kunyanzeliso nothotyelo lwemithetho, imigaqo nemikhala yokulawula okusingqongileyo.
- Kulawulo lwezokusingqongileyo egameni labantu nendawo ekuhlalwa kuzo.
- Ekudaleni ubambiswano ukuze kubekho ulawulo olusebenzayo lwezokusingqongileyo.
- Ekubandakanyweni koluntu kwiinkqubo zokwenza izigqibo.
- Ekuboneleleni ngeendawo ekuhlalwa kuzo ezikhuselekileyo kwiSixeko saseKapa.

5. Isifungo sabasemagunyeni ngokuphathalele kwi-IMEP

Esi sifungo kufuneka sisayinwe ngooCeba nabaphathi abangamagqala, bebophelela urhulumente wengingqi ekuzabalazeleni ukuyigcina imimiselo yophuhliso oluzinzileyo kwiSixeko saseKapa.

ISIFUNGO SABASEMAGUNYENI NGOKUPHATHELELE KWI-IMEP

Mna, nkokheli yorhulumente wengingqi kwiSixeko saseKapa ndiya kuqinisekisa ukuba le Integrated Metropolitan Environmental Policy, okanye IMEP, iyasetyenziswa kuyo yonke into eyenziwa ngurhulumente wengingqi xa esenza umsebenzi wakhe ngokoMgaqo-siseko nezinye izinyazeliso zobonelelo ngeenkono nophuhliso lwezoqoqosho kwiSixeko saseKapa Ndiyazinikela ekukhuthazeni ukuzinikela kuphuhliso oluzinzileyo olujoliswe ekuphumezeni iimfuno zanamhlanje ngeli lixa kukhuselwa kananjalo kuphuculwa izinto eziluncedo ukuze zibe nokusetyenziswa kwilixa elizayo.

Ngaphezu koko ndiya zinikela ekuqaliseni, ekuxhaseni nasekuqhubeni izicwangciso-qhinga, iiprojekthi neenkqubo ngokwemimiselo neenkqubo zeIEMP kananjalo nasekuqinisekiseni ukuba ezo nkqubo ziyasetyenziswa kwaye ziyathotyelwa ngabo bonke abachaphazelekayo nababandakanyekayo. Oku ndikwenza ngokwemiqathango yoMgaqo-siseko noMgaqo-nkqubo weSizwe wezokuSingqongileyo woMzantsi Afrika kunye namalungelo noxanduva endiluthwaliswe zezo zinto njengegosa elisingethe imicimbi ebhekiselele kwizinto eziluncedo nanjengomkhuthazi wophuhliso oluzinzileyo.

Umsayino:.....

Umhla:.....